Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## 2023

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2½ Iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha angama-28.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

1. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

2. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: Idrama | (35) |
| ICANDELO C: Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: Isihobe | (35) |

3. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

   Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

7. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| INANI LOMBUZO | AMANQAKU | IPHEPHA |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.** | | |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 8 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 11 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.** | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 14 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 18 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Ndakuyicela ivuthiwe' | 18 | 21 |
| | | |
| 6.2 'Izibhovubhovu zaseBhayi' | 17 | 22 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'IDyunivesithi iFort Hare' | 18 | 24 |
| | | |
| 7.2 'UNjingalwazi PT Mtuze' | 17 | 26 |
| | | |

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>*(Kusa Kusihlwa)*<br>*(Umqol' uphandle)*<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4-5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Ndakuyicela ivuthiwe')<br>('Izibhovubhovu zaseBhayi') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('IDyunivesithi iFort Hare')<br>('UNjingalwazi PT Mtuze') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 **ISICATSHULWA A**

'... Njengokuba uLungile efile nje kunyanzelekile ukuba izinto zibuyiselwe kokwazo. Kakade naye wayengene ngondlelamnyama. Ndanditshilo ndathi imini iya kuze ibe nye,' waqokela uNozililo. 'Hayi kanti wawutshilo Nozi, wangathi uyavumisa,' wasekela uMamtolo. 'Ndanditshilo nangoku. Kaloku thina asilalanga njengokuba nina nithurha ubuthongo nje. KuseThekwini apha. Iza kuvuthuluka iphele nya le venkile, singayifumani sobabini ukuba kuphelele kule nto.' 'Kodwa ke ndingakuqhawuli Nozi, nicinga ukuba izinto ziza kuhamba lula usekho nje umlibo kaLungile?' wabuza uMamiya.

'Kaloku ndisithi kuni masihlabele mgama nje yiloo nto kanye. Ndinibizele ukuba size kubonela icebo laa mgqutsubana womntwana kuthiwa nguMpumelelo. Selevakele amarhe okuba eliya lifa liza kushiywa kuye. Ukuba kwelo lifa bamthembise ngalo badibanisa nalaa venkile ngathi naye usaza kulandela abazali bakhe,' waqokela uNozililo.

'Ke, Nozi, uthi makuthiweni?' wabuza uMamiya. '<u>Kaloku thina mfazi singuwe, silapho ukhoyo</u>. Nokuba uthi makuse engekho sinawo amacebo.' 'Inene asinto ithandatyuzwayo leyo Gcwanini,' wangqina uMamtolo. 'Noko ndithi ngesi sizathu nje sokuba kusandul' ukufa abazali bakhe, masingakhawulezi simbonele amacebo okumdlulisa ngaphaya kwamafu kwangoku. Mna bendinengcamango yokuba aphambane, abe yinto nje efana nesithunzela, athi kuloo mpambano yakhe abhangazeke angazi nalapho aya kufela khona,' watsho uNozililo.

1.1.1 Xela elinye igama awayebizwa ngalo uNozililo zizihlobo zakhe. (1)

1.1.2 Cacisa indlela awasweleka ngayo uLungile. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1.3 Ngqina ngokwesicatshulwa ukuba uNozililo wayemjongele phantsi uMpumelelo. (2)

1.1.4 Iveza ntoni ngoMamiya noMamtolo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

1.1.5 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwinkcaza engezantsi ngokubhekiselele koku kuthethwa ngoMpumelelo.

'Nokuba uthi <u>makuse engekho</u> sinawo amacebo.' (2)

1.1.6 Xela izifundo zibe ziBINI awayebalasele kuzo uMpumelelo esinaleni. (2)

1.1.7 Bonisa ngeengongoma eziNTATHU iinzame zikaNozililo zokutshabalalisa umzi wakwaNtsibande. (3)

1.1.8 Nika isizathu esenza ukuba uNomakhwezi akroboze ngamatye iifestile zemoto eyayihamba uLungile. (2)

1.1.9 Sesiphi isifundo esinokufundwa kwindlela abazali bakaMpumelelo abamkhulise ngayo kwezoshishino? (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Emva kokuba kwenziwe amatheko kaMpumelelo ndawo-nye nokunikwa intsikelelo kwivenkile yakhe, izinto zibonise inguqulelo. Ivenkile yathanda ukuba nabantu abaninzi ngokumangalisayo, izale lide litshone ilanga. Le nto yenza ukuba uThamsanqa aqeshe abanye abantu bokuncedisa. Yayiqwela ukuzala ngempela-veki nangeeKrisimesi. Nalaa nto kwakuxanjuliswana ngayo yaduka esithubeni kuba amagqwetha kaNozililo aminxwa kukulahleka kobungqina neencwadi zemvumelwano phakathi kukaSondlo noMosia. Kwaba nzima ngakumbi akungafumaneki uMosia. Zaba ezo mali zikaNozililo nomyeni wakhe ziyatshona.

Sigqibelene nabo bevalelwe ngesityholo sokuncedisa nokuyila iyelenqe lokutshisa ivenkile kaMpumelelo. Athi akuba elugqibile amapolisa uphando, alifaka ityala. UNozililo wafuna igqwetha lokuba libathethelele. Ngenxa yokufa komntu owabulawa ngamapolisa, ityala lanyanzeleka ukuba liye ejajini.

Bakhanyela mpela ukuba babenento yokwenza nokuqulunqwa kweyelenqe lokutshisa. Ngenxa yokuba aba tsotsi babeqeshwe nguNozililo babeyimigulukudu eyaziwayo, kwaba nzima ukuba ingakholeleka inkcazo yabo. Negqwetha likaNozililo lavuthuza libonisa ukuba abantu abanesidima nabahlonelekileyo abanjengaba abanakuze bayenze into ephantsi olo hlobo

Downloaded from Stanmorephysics.com

| |
|---|
| nabantu abaziwa ngobugulukudu. OoNozililo bayikhanyela into yokuba abevani nabantu bakwaNtsibande. Beza namangqina okubonisa ukuba babezitshomi noNomakhwezi esaphila. Baba ngalo ndlela bayaliphumelela ityala. Imigulukudu yashiyeka entolongweni idontsa iminyaka. Nakwesiya siganeko sokuhlatywa komntu emdanisweni kaMpumelelo, lakhe lafuna ukumeyama ityala kodwa nalapho walibhebhetha. |

1.2.1 Xela igama lomntu owayesenza amalungiselelo amatheko kaMpumelelo. (1)

1.2.2 Sizathu sini esenza ukuba uMosia angabi nakufumaneka efunwa ngamagqwetha? (2)

1.2.3 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga ezibini ezikwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali:

- A OoNtongana baya kwizibonda zaseMlazi beyokuthi uLungile akafanelanga kuyithengiselwa ivenkile.
- B UNtongana uya kufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa.
- C UNozililo noNtongana batshela endlwini yabo babhubha.
- D UMpumelelo wenzelwa itheko lokumamkela eLusikisiki. (2)

1.2.4 Nika isizathu sokuba uMpumelelo aye kufunda kwiyunivesithi yaseEdinburgh. (1)

1.2.5 Nika igama lenkosikazi kaMpumelelo. (1)

1.2.6 Xela izinto zibe MBINI ngokwasencwadini ezathethwa nguLungile mhla wayeyala uMpumelelo. (2)

1.2.7 Ngqina ngokwasebalini ezi mpawu zilandelayo zikaMpumelelo.

(a) Uthobekile (1)

(b) Akalogwala (1)

1.2.8 Xela izinto zibe MBINI ezayalelwa uThamsanqa ngamagqwetha kaLungile emva komngcwabo. (2)

1.2.9 Bubenagalelo lini ubukho bomlinganiswa onguYolisa kule noveli? (2)

1.2.10 Cacisa indlela oveliswe ngayo kule noveli umxholwana ongokubaluleka kokutshintsha iimpilo zabanye abantu.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Imisebenzi kaMpumelelo eLusikisiki. (1)

(b) Indlela imisebenzi yakhe eyitshintshe ngayo impilo yabantu bakhona. (1)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

'Bendingavuyayo Sajini ukuba ndinganakho ukumbona kwangoku,' utsho ngelicengayo okaHlobo, ebona ukuhamba kwexesha. 'Kusekuthandeni kwakho,' uphendule etyhilekile uSajini selekhokela ukusinga kumnyango we-ofisi yakhe. 'Kodwa ke ukub'ufuna ukuvuna into kuye, uzumvele ngobuchule. Ephakuphaku nje, ukwayimpempe ethetha ingayeki. Ndiyabona wena, ubuphunguleka. Ungamelana nento enjalo?' 'Usazi nje nawe ndiqhele ukumelana nabantu abazimo zingaphezulu koko. Andoyiki ngokoyikiswa, Sajini.'

Ithe yakuziswa loo ntokazi, wayibona naye okaHlobo ukuba ingqathuva ngenkangeleko - mhlawumbi ikwisithuba samashumi amane ubudala. Wayijonga nje okaHlobo waqonda ukuba ngu'Nongqwaza' wokwenene, into engathi yakuphathwa ivele nakweyiphi na inkalo - leyo ifike kuqala engqondweni. Ubuso bayo babumpatshampatsha oku komntu oxhwalekileyo amehlo ebomvu. Ityali egqolileyo eyayiyithe wambu emagxeni yayikhangeleka inzima, imfutha nokumfutha. Ngokuphandle yayimxakile. Yayinxibe umrhulukutyu welokhwe ehle amacala, ingqobo yento egqolileyo bubudala. Izandla zayo zazirhabaxa, zimxakile umninizo. Yayinento yokudlalisa ngeenzipho oku komntu odlala ikatala - umkhwa ekucaca ukuba yaziqhelisa wona okanye yakhula nawo.

Uphakamile okaHlobo yakungena, wayikhawulela ukuya kuyibamba ngesandla. Imbambe ngezandla zozibini, yavova amadolo ukumnika imbeko, amehlo wona ethe ntaa ngathi iza kutsiba. Ithe yakwaziswa kuHlobo, yasuka yanofefe, yathi ngelizwi elinesingqala: 'Ndiyavuya ukukwazi, mnumzana … Owu, ndibhuda ndithini? Uxolo torho … Uxolo ngokuthi, mnumzana kuwe ...'

2.1.1 Xela elinye igama awayebizwa ngalo uHlobo. (1)

2.1.2 Chaza indlela uNkoskz. Hobe awayesithi uhlobene ngayo noEddie. (2)

2.1.3 Ngqina ngokwesicatshulwa ukuba uNkoskz. Hobe ukhangeleka engumntu ohluphekileyo. (2)

2.1.4 Iveza ntoni ngoHlobo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.1.5 Nika intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwinkcaza engezantsi ngokubhekiselele kuNkosikazi Hobe.

... ukuba ingqathuva ngenkangeleko ... (2)

2.1.6 Xela izinto zibe MBINI awazifumana e-All Safe Bank uHlobo. (2)

2.1.7 Bonisa ngeengongoma eziNTATHU izinto uKhulile Dungana awayemncoma ngazo uEddie Maga. (3)

2.1.8 Nika isizathu esenza ukuba uHlobo abuthandabuze ubungqina asele enabo ngoLinda. (2)

2.1.9 Sesiphi isifundo esinokufundwa kwisenzo sikaEddie sokushicilela ingxabano yakhe namalungu ase*Moonglow*? (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Amagunya okuwuqhuba lo mbutho sawanikwa ngokwaziwa ukuba singaba nezo njongo ziphile kangako. Mna ke andikaguquki kwezo njongo. 'Mbungu mni na wona lo wentsangu sifuna ukuwufaka ebantwini? Indawo yolonwabo nempilo singathini ukuyijika siyenze umsitho wakwaLambathayo? Intsangu inemali, nam ndiyavuma, kodwa ke ziyintoni iziphumo zayo kothe wayitshaya?'

'Thina bantu baNtsundu silinikiwe namhlanje ilungelo lokufumana nokuthenga utywala njengezinye iintlanga emva kweminyaka sisikelwe imida. Eli lungelo esalinikwa kuba seyiluluvo olubanzi ukuba ukuvalelwa kwabantu kwesi siselo nangamaxesha abo okuphumla, kubenza basifune ngamandla nangondlela-mnyama, basisele nangayiphi na indlela, sibe nobungozi obugqithileyo njalo. Ngoku nina nifuna kuphunze iinjongo ezintle zokuvulelwa kotywala. Nakuba nilifumene ilungelo lokubuthengisa ngoku nihamba ninunusa ngabo kubantu bentsangu. Ngeli lungelo lotywala nizuze indlela elula yokufumana umbulali oyintsangu.
Yintoni yona intsangu - umhluthi wengqondo nomonakalisi wempilo? Nifuna kwande ubugewu ngoku kanye bekupheliswa ubugewu ngokuvulelwa kotywala? Niyolelwe yintoni ekuboneni abantu bakuni bezalise ezintolongweni? Andinigwebi, ndiyanicela ukuba nizijike iingqondo zenu, nicinge ngekamva labantwana benu.'
'Besifuna u-ewe no-hayi qha kuwe, Eddie. Le ntshumayelo ubuyenza ayingeni ndawo emcimbini. Sithetha sisedwa ngoku apha - inguwe wedwa ocinga ngale ndlela yakho. Incoko yethu yanamhlanje mayiphelele apha.'

2.2.1 Xela ukuba ngubani lo wanika amalungu ese*Moonglow* amagunya okuthengisa utywala. (1)

2.2.2 Sizathu sini esenza ukuba kusekwe umbutho *iMoonglow Night Club*? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.2.3 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga ezibini ezikwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali:

A UHlobo utyelele kwaEddie eyokuphanda.
B UHlobo undwendwele kwaLinda Monti eyokuphanda ngokufa kukaEddie noLulama.
C Amalungu ase*Moonglow Night Club* abanjelwa ukubulala uEddie noLulama.
D UThembisa Ntlokonkulu uya emapoliseni ezenza umakazi kaEddie. (2)

2.2.4 Nika isizathu sokuba abantu abaNtsundu bagcwale ezintolongweni ngokutsho kukaEddie. (1)

2.2.5 Nika igama lenenekazi awayesithi uHlobo yikumkanikazi yaseMonti. (1)

2.2.6 Xela izinto zibe MBINI ngokwasencwadini, ezazibangela ukuba abantu bakholelwe ukuba uEddie ngudlalani. (2)

2.2.7 Ngqina ngokwasebalini ezi mpawu zilandelayo zikaDuma Hlelo.

(a) Uthembekile (1)

(b) Unomqolo (1)

2.2.8 Xela izinto zibe MBINI ezimalunga noEddie awathi ngenxa yazo uLinda wazibona ubuyatha. (2)

2.2.9 Bubenagalelo lini ubukho bomlinganiswa onguHlobo ebalini? (2)

2.2.10 Cacisa indlela oveliswe ngayo kule noveli umxholwana wokuba akukho nto ifihlakala kuphele.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo samalungu ase*Moonglow* sokulahla umkhondo kwityala lokufa kukaEddie noLulama. (1)

(b) Indlela avele ngayo ukuba ngawo ababulali. (1)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Kungoko ke wathi noxa aphatheke kakubana uMonwabisi angaziva ehleli kabuhlungu apho, kuba wayeye aziphindezele ngokumhleba ngaloo magama abizwa ngawo apho uMfingokazi lo. Kwaye nendlela ababevana ngayo noRhadebe lo yayimenza akhawuleze akhohlwe ngeenkcuku zikaMamTolo. Wayeyiqonononondisa uTolokazi lo into yokuba uMonwabisi abahloniphe abo bakhe abantwana xa ebabiza, kodwa babe benkqangazana bona xa bebizana. Athi ke xa ezithethelela ayibhadlanga into yokude bahloniphane abantwana xa bezalwa kunye kwaye besizana. Enye yezinto ezazimhlupha umphefumlo uMamTolo kukusuka <u>abaquke bonke uRhadebe xa sukuba ebenzela into abantwana abo.</u> Kuye loo nto yayibenza abantwana abo bangazazi nokuba bangoobani na, esitsho ke egudle uMonwabisi kuba esithi akazazi nokuba uze njani apho. Yena wayebathatha aye nabo abakhe edolophini xa eya kubafunela into ukuze ahambe yedwa abuye emphathele loo nto asukube eyidinga uMonwabisi. Le ndima yokukhulisa abantwana yayiyeyona bahlukana futhi kakhulu nomyeni wakhe uMamTolo, kwaye kucaca ukuba loo mahluko awuyi kuba lula ukuba uphele. Inkosikazi yakhe yayibathanda ingazenzisi abayo abantwana, ngendlela apha kwakude kube nzima kuyo ukubohlwaya sele bonile. Loo mahluko phofu awuzange udale msantsa kubo kuba kwezinye izinto, ingakumbi kushishino, babengumtya nethunga.

3.1.1 Xela elinye igama ababembiza ngalo abasebenzi uMamTolo. (1)

3.1.2 Cacisa ukuba kwathini ukuze uMonwabisi akhuliswe nguThandabantu noMamTolo. (2)

3.1.3 Ngqina ngokwesicatshulwa ukuba uMamTolo wayefuna kucace ukuba uMonwabisi akakho kwizinga elinye nabantwana bakhe. (2)

3.1.4 Iveza ntoni ngoRhadebe inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

3.1.5 Nika intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwinkcaza engezantsi ngokubhekiselele koku kuthethwa kwisicatshulwa ngoMamTolo.

... esitsho ke <u>egudle</u> uMonwabisi ... (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.1.6 Xela iikholeji zibe MBINI ezazifunda kuzo iintombi zikaMamTolo. (2)

3.1.7 Bonisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba uMamTolo wayesoyiswa kukubaqeqesha abantwana bakhe. (3)

3.1.8 Nika isiganeko ekuthe ngenxa yaso satshintsha isimo sikaThandabantu sokuthanda abantu. (2)

3.1.9 Sesiphi isifundo esinokufundwa kwindlela awawaqala ngayo amashishini akhe uThandabantu? (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

'Hayi tata konele noko ke ngoku musa ukuzixhela umphefumlo.' 'Nakanye nkosikazi, andizixheli, koko luvuyo lokuba kanti ndingomlahlileyo njalo mna, Yena usandikhathalele esazihlupha ngam. Kuthe kanti kulo mntwana mna ndandimgcina nje ndingajonge nto kuye, nguye lo amsebenzisayo ukundibonisa ukuba usandithanda. Nceda ke nkosikazi undibizele umfundisi ndiphinde ndizinikele kuYe ndisenalo ithuba.' Waguquka waphinda wajonga ngaseludongeni uRhadebe akaphinde abe nalizwi, kwavakala nje isingqala ukuba indoda iyalila. Wema nematha uMamTolo athi sele esemnyango aphinde abuye eze kuma ngakumandlalo lowo. UThandabantu wamhesha nje ngengalo engamjonganga, wade ke naye waphuma ingqondo isadidekile. Wayeza kuthini kaloku ukungadideki? Kwakunini bagqibelayo ukuya ecaweni? Wayeza kufika athini kuloo mfundisi njengokuba babengamazi negama nje? Yena umfundisi lowo wayengazi kusuka amwe ngempoxo kuba engazange ababone nangemini enye ecaweni?
Wafane wanoloyiko nje uMamTolo, kuba wamkelwa ngobona bubele nguMthanjiswa lowo. Akazange amlinde ukuba agqibe ibali aze ngalo uMamTolo, wathi thwasu wathatha iincwadi zakhe uMfundisi wacela indlela kusapho esitsho ukuba uya kuligqibezela endleleni ibali elo uMamTolo. Lo Mfundisi yayilitshantliziyo elishiya ubufana kodwa engekaqini, inguye owongamele loo nkonzo yalapho eMthatha. Iindaba ngabakwaSihlunu apho ecaweni kwakukudala waziva noxa yena wafika sele bengasayihambi icawe leyo, …

3.2.1 Xela ukuba ngubani lo athi uThandabantu kwisicatshulwa usakhathalelwe nguye. (1)

3.2.2 Sizathu sini esenza ukuba uThandabantu ahlaselwe sisifo sentliziyo? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.2.3 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga ezibini ezikwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali:

A Kufika inkosikazi engakwazi kuthetha kwaThandabantu.
B UGcinumzi ubhubha kwingozi yebhasi.
C UThandabantu wenzelwa itheko lokumamkela.
D UMonwabisi ushiywa yedwa eNtshiqo. (2)

3.2.4 Nika isizathu sokuba uThandabantu ayeke ukuya ecaweni. (1)

3.2.5 Nika isiduko sikamama kaMonwabisi. (1)

3.2.6 Xela izinto zibe MBINI ngokwasencwadini, ezazibangela ukuba abantu bakholelwe ukuba uthwele uThandabantu. (2)

3.2.7 Ngqina ngokwasebalini ezi mpawu zilandelayo zikaMonwabisi.

(a) Ukrelekrele (1)

(b) Unyanisekile (1)

3.2.8 Xela izinto zibe MBINI awathi uThandabantu wazibulela akufika emzini wakhe evela esibhedlele. (2)

3.2.9 Bubenagalelo lini ubukho bomlinganiswa onguMaRhadebe ebalini? (2)

3.2.10 Cacisa indlela oveliswe ngayo kule noveli umxholwana wokuba ubuntu buzala obunye.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo sikaThandabantu sobuntu kuMonwabisi. (1)

(b) Isenzo sikaMonwabisi sobuntu kuThandabantu. (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| NDILA: | Funie girl! *(ebulisa)* |
| FUNEKA: | Hallow Diksie. Uyazi ukuba kule mihla usuke wanqaba wachasela okwethamsanqa. Inene ndibe uphindele esuthwini. |
| NDILA: | Kanene ufane uthethe wena. Uyandihleka kuba ndiphelelwe emsebenzini? Ngenye imini uya kuze uqonde ukuba ubomi ngumxube wezothuso namayeyeye. |
| FUNEKA: | Hayi wethu, musa ukulixhoma epalini iswili lakho. Asinto esiya kulala sitye yona leyo. Into elungileyo kukufuna umqolomba ungene kuwo ngexesha lezothuso uphume ngethuba leziqabu. |
| NDILA: | Kungenzeka ukuba ndize kungena komnye. |
| FUNEKA: | Ulumke hlez' uthi kanti lo sowubhudl' umoya. |
| NDILA: | Noko andicingi ukuba ndingashiywa nanguwe enyanyeni. Uncedo lufumaneka kwabasemzini kunabasekhaya. |
| FUNEKA: | Ukuba ufuna imali utsho ebhatyini mtshana. |
| NDILA: | Kuwe imali yinto yonke and like all gold diggers, you will fold up your tent and desert a gold mine that has given you comfort … |
| FUNEKA: | Hayi wethu ndiyaqhula. |
| NDILA: | Uyaqal' ukuthetha. Uyayazi into yokuba ndiphelelwe emsebenzini kwaye ndicinga ukuba uyazazi nezizathu. |
| FUNEKA: | Lilonke? |
| NDILA: | Uthando malube nemisebenzi, le mpahla ikule ndlu iyathetha. Ubumnandi balo mcimbi yinto yokuba into yokuthandana kwethu lihlebo lethu *(watsho emwola)* Look, Funie girl, umdlalo uwuqhelile sondeza uMawonga, izabatha zaziwa nguwe. |
| FUNEKA: | Ndakuyibambisa intaka leyo, ndiyithini? |
| NDILA: | Yixhwithe iintsiba, kuba buyaphela ubuntaka bayo zakuvuthuluka iintsiba. |

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.1.1 Xela elinye igama awayebizwa ngalo uNdila. (1)

4.1.2 Chaza unxulumano phakathi kukaNdila noFuneka. (2)

4.1.3 Ngqina ngokwesicatshulwa ukuba uFuneka wayengazi kumnceda uNdila ukuba wayefuna imali. (2)

4.1.4 Iveza ntoni ngoFuneka intetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

4.1.5 Nika intsingiselo yebinzana, 'uyaqal'ukuthetha' elisetyenzisiwe nguNdila. (2)

4.1.6 Xela abe maBINI amalungu ekomiti ayehlalele ityala likaNdila. (2)

4.1.7 Bonisa ngeengongoma eziNTATHU iinzame zikaNdila zokuzisindisa ekugxothweni yikomiti yesikolo. (3)

4.1.8 Nika isizathu sokuba amalungu ekomiti ambizele intlanganiso uMawonga. (2)

4.1.9 Sesiphi isifundo esinokufundwa kwisenzo sikaNdila sokusela esikolweni de aphelelwe ngumsebenzi? (2)

**KUNYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| LONI: | Bendingazi ukuba uthando kanti sihleli nje lukhokho lobutshijolo notshaba. |
| FUNEKA: | Ubuncwane bobomi zizothuso eziza nantyilelo zimbi. |
| LONI: | Ndiyabona ndiqonda kakuhle ukuba iinyosi azinabudlelwane neempukane. *(Atsho ephakama.)* |
| NDILA: | Hayi mfo kaLoni sukugqiba ukuthetha unge uyayolela, makhe sihlinze le nkabi. *(Atsho ebeka umngxu phezu kwetafile.)* |
| FUNEKA: | Zanele, yiza nezitya sana ubeke phambi koDicksie. |
| NDILA: | Hambisa mtshana. *(Athabathe, uZanele ahambise kuselwe.)* |
| NDILA: | Ndicinga ukuba ngoku imizimba iswabulukile, kuba siphethe ezesibini iibhekile. |
| LONI: | Hayi mfo kaNdila uyibethe yee shwaka nengcalangcala. |
| NDILA: | Ndiyavuya ukuba elo lizwi liphume kuwe mfo kaLoni. <u>Wakha wathi mhlamnene utywala ziingcambu zomthombe.</u> |
| LONI: | *(Ebothuka)* Ihasa alichukunyiswa, hleze ivumba lalo lonakalise umbuso. |
| FUNEKA: | Awuzi konakala, wonakalayo, ibe andazi nanto osafuna yona apha kudala sisithi canda umoya uxele utolo lwabaThwa. |
| NDILA: | Bunjani utywala mfowethu? |
| LONI: | Bunjani kuba bekutheni phi? |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | |
|---|---|
| NDILA: | Mandinibulele maqobokazana ngokundibambela le ntakazana ibindishiya. |
| LONI: | O! |
| FUNEKA: | E! |
| NDILA: | Funeka, sukuwona umhlola. |
| FUNEKA: | Akukho nto ibitheni wethu, lide eli thuba kwaye akukho phela lingazinyula emasini. |
| LONI: | Yi madoda! Kusile. *(Watsho emi ngeenyawo.)* |
| NDILA: | Waxokozela umzi wabuya wee cwaka ukuwa komthi omkhulu. Ezimiyo azikhonkothwa zinja iimoto. Wawungabazi abantu. Uyabazi ngoku. |
| LONI: | Indoda ayikhwazi ingekaphumi ehlathini mfo kaNdila. |
| NDILA: | Andisekho nasenyeleni, sendithe ngcu emantla alo. |

4.2.1 Xela ukuba ngoobani aba athi uLoni ziinyosi kwesi sicatshulwa. (1)

4.2.2 Sizathu sini esenza ukuba uLoni afune ukuhamba kwakufika uNdila? (2)

4.2.3 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga ezibini ezikwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali:

A Kubhaqwa amakhoba otywala ekhabhathini kaNdila esikolweni.
B UMawonga uqala ukuthandana noZanele ethekweni likaFuneka.
C UNdila ugwetywa intambo.
D UMawonga ubizelwa intlanganiso nguRay noNomasoka bemthethisa ngokuphatha kakubi usapho lwakhe. (2)

4.2.4 Nika isizathu sokuba uZinzo abuze ukuba kukangaphi bexovula umcimbi kaNdila beyikomiti. (1)

4.2.5 Nika igama lenkosikazi kaMawonga. (1)

4.2.6 Xela izinto zibe MBINI ngokwasencwadini ezibonisa ukuba uLoni wayesele esithathile isigqibo sokuyeka umsebenzi njengenqununu yaseNobutho. (2)

4.2.7 Ngqina ngokwasebalini ezi mpawu zilandelayo zikaZanele.

(a) Unovelwano (1)

(b) Akanamqolo (1)

4.2.8 Xela izinto zibe MBINI ezenziwe nguLoni ezibangele ukuba uThandiwe angonwabi emzini wakhe. (2)

4.2.9 Bubenagalelo lini ubukho bomlinganiswa onguMadala ebalini? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


4.2.10 Cacisa indlela oveliswe ngayo kule drama umxholwana wokuba umntu uthiyiselwa ngento abuthathaka kuyo.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Into abuthathaka kuyo uMawonga. (1)

(b) Indlela obusetyenziswe ngayo ubuthathaka bakhe ukumthiyisela. (1)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA*– M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NOYONGO: | Hehehe! kaloku besenditshilo sana lwam ndathi kufuneka uzive usekhaya xa ulapha, ukuze nomsebenzi wakho uwuthande. Abatyeleli bethu kule *hotele* bakholiswa kukuncedwa ngabasebenzi abonwabileyo, nabawuthandayo umsebenzi wabo. |
| DINA: | *OK,* ndiyakuva *Sis' Yongs*- *(elondla-londla ehlola ebukele ubuhle begumbi)*. Bendisabuza sisi, ngumsebenzi mni lo ndiza kuwenza? |
| NOYONGO: | Hayi ungaxhalabi wena sisi, sihlala njengentsapho apha, senza yonke nje into ekholisa abatyeleli bethu kule *hotele*. |
| DINA: | Oh! Njenga ntoni sisi? |
| NOYONGO: | Kaloku sana lwam kukho namanye amantombazana amahlanu asebenza apha. Anamagumbi awo nawo, alala kwalapha. Nincedisa apha e*hotele* kuyo yonke into, nihoye nabatyeleli, nibagcine bonwabile. <u>Ewe sisi, umsebenzi wenu kukuweyitala nokuncedisa nakwezinye izinto, hehehe! ...</u> |
| DINA: | Owu, ndiyakuva sisi. |
| NOYONGO: | Ewe sana lwam. Uza konwaba apha. Akuthengi kwanto ngeyakho imali. Yonke nje into oyifunayo, iziselo nokutya, uza kuba nesabelo sakho apha kweli gumbi lakho. |
| DINA: | *(Encumile, exhome amehlo)* Kowu! Enkosi Sis' Yongs. |
| NOYONGO: | Jonga sana lwam, thatha nazi izitshixo zakho. *(Evula iingalo esondela kuye emwola emanga)* Wamkelekile kweli khaya, njengomnye wamalungu entsapho yethu. |
| DINA: | *(Emanga naye)* Ndiyabulela Sis' Yongs. |
| NOYONGO: | *(Amphuze esidleleni.)* Ndiyabulela nam sana lwam. Masahlukane sana lwam nhe. Mandikukhaphe, madikuhambise, sakubonana ngoLwesihlanu ke ngoku. |

5.1.1 Xela elinye igama awayebizwa ngalo uThambolenyoka. (1)

5.1.2 Cacisa indlela uDina aweza ngayo kwaThambolenyoka. (2)

5.1.3 Ngqina ngokwesicatshulwa ukuba uDina uze apha engawazi lo msebenzi aze kuwenza. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.4 Iveza ntoni ngoNoyongo inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

5.1.5 Nika intsingiselo yenkcaza engoDina ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwezi zalathisi zaseqongeni zingezantsi.

*(encumile, exhome amehlo)* (2)

5.1.6 Xela izinto zibe MBINI ezazixhalabisa abazali bakaDina ngesimilo sakhe. (2)

5.1.7 Bonisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba uNoyongo uncedisile ekuxhatshazweni kukaDina nguThambolenyoka. (3)

5.1.8 Nika isizathu sokuba uThambolenyoka abizele ooSdokhwe kwihotele yakhe. (2)

5.1.9 Sesiphi isifundo esinokufundwa kwindlela abazali bakaDina abamamkela ngayo akubuya kwaThambolenyoka? (2)

**KUNYE**

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| NOZIGOCI: | Nam aye andigoca-goca ngemibuzo, kodwa ndancedwa yinto yokuba uNozici bendimshiye ehleli esela nabahlobokazi bakhe ababini uSofi noFransisi ukuphuma kwam noMhlatyana. Nabo bathi khange bahlale thuba lide emva koko, bamshiya. |
| NYOKA: | Nihambe xesha liphi kanti nina apha izolo? |
| NOZIGOCI: | Ngentsimbi yesibhozo Mlungu. Bonke ooLwezihlanu mna noNozici siye siphume sigoduke ngentsimbi yesibhozo. |
| NYOKA: | Nina Noyongo nawe Nomhase nihambe nini? |
| NOYONGO: | Hayi thina Mlungu, kuba sinento yokuhamba noko sikhe sihlale emva kwabo. Nayizolo senze loo nto, saza sahamba kunye noNomhase phaya malunga nentsimbi yeshumi. |
| NYOKA: | *(Ejika ejonga kuNozigoci)* – Ukuphuma kwenu ebesele ehambile laa mfazi bendithe zenimjonge izolo, okanye ebengekahambi? |
| NOZIGOCI: | Asazi Mlungu nokuba ebesele ehambile na okanye ebengekahambi. Kodwa simbonile yena, unjengoko kanye ubumchaza. |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | |
|---|---|
| NYOKA: | *(Ejika ejonga kuNoyongo noNomhase)* Nina? |
| NOYONGO: | Hayi nam andikhumbuli Mlungu. *(Ejika ejonga kuNomhase.)* |
| NOMHASE: | Hayi nam Mlungu ndimgqibele ngokuya ubumchaza, ndambona ke. Kodwa emva koko andikhumbuli ndimbona ukuphuma kwethu. |
| NYOKA: | Nantso ke into yenu! Noyiswa yeyona nto yakhe yalula ukuyenza. Ndithe kuni yalusani laa mfazi, ngoku nonke nithi animazi nokuba nimshiye apha na. Naku ngoku uNozici ufile, uhlatywe yinto engaziwayo. Ndanditheni kuni? |

5.2.1 Xela igama lomqeshi kaNozigoci. (1)

5.2.2 Sizathu sini esenza ukuba uNozigoci abuzwe imibuzo ngamapolisa? (2)

5.2.3 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga ezibini ezikwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali:

A UDina ufumana iselula kuNoyongo.
B UDina uyokumangalela uThambolenyoka emapoliseni.
C UThambolenyoka uyagwetywa.
D UGxalaba uya kuNoyongo ngelithi makabe lingqina lenkundla. (2)

5.2.4 Nika isizathu sokuba uKuku ayeke ukusebenza kwihotele kaThambolenyoka. (1)

5.2.5 Yayingubani umama kaDina? (1)

5.2.6 Xela izinto zibe MBINI ngokwasencwadini, ezazibangela ukuba uThambolenyoka athi selebanjiwe kube nzima ukuba agwetywe. (2)

5.2.7 Ngqina ngokwasebalini ezi mpawu zilandelayo zikaDina.

(a) Ukrelekrele (1)

(b) Unomqolo (1)

5.2.8 Xela izinto zibe MBINI awathi uDina wazicelela uxolo akufika kokwabo egxothwe kwaThambolenyoka. (2)

5.2.9 Bubenagalelo lini ubukho bomlinganiswa onguNoyongo ebalini? (2)

5.2.10 Cacisa indlela oveliswe ngayo kule drama umxholwana wokuba umntu ozenzo zibi akasoloko esinda.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Izenzo zikaThambolenyoka ezibi. (1)

(b) Indlela aye wababambeka ngayo akasinda. (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Ndakuyicela ivuthiwe' nguEZ Guqa
- 'Izibhovubhovu zaseBhayi' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

**UMBUZO 6**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo oziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

**'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – EZ GUQA**

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Umfazazana wenzelwe utsiki, abizwa namadoda akwaNdlambe ukuba aze kuzimasa itheko. Angxolile la madoda ukuba abanjiswe into esinqeni engayazi nokuba ibiqale kanjani na. Ukuba ibingekho inyama ingxolo ngeyithande ukuba qatha, koko amaqatha enyama enza ukuba amadoda akhe aqwalasele phambi kwayo asele umhluzi, axole. Into ekhe yawaphazamisa kukufumanisa ukuba ezinye iinkomo zekhazi likaNokwanda zathengiswa ngeenjongo zokulobola umntwana waseThekwini. Enye indoda ikhe yabuza ukuba ikhazi elo lalichotshelwe ngubani, koko <u>uQolwana waxela ukuba yonke loo nto wayenza nonina womfazi</u>. Ahlafunile amadoda kubonakala ukuba akahlafuni nje inyama kuphela, koko ahlafunisisa nale nto ayixelelwa ngunyana wamaNdlambe. Emva kwexesha, sekufuna ukulibaleka uMluleki, isankonde sakwaNdlambe, senjenje ukuthetha, 'Qolwana, mntwana wam, ndimdala ndingaka nje. Into enje ngale uyenzileyo asilosiko lalapha. Kumcimbi wekhazi akakho umntu osina ezombelela. Umtshato asiyo nto yakho nomfazi wakho. Kuyafuneka ukuba nabanye abantu babe nenxaxheba abayidlalayo, kuba le nto yenu iya kuhamba ihambe ifune nabany' abantu. Ukuba ubulumkile mntwana wam ngowungahambanga ngale ndlela, kodwa ke umntu akabuboni ubudenge bakhe. Ndiyathemba ke ukuba akuyi kusifuna xa umqa sowomele ephinini. Kodwa le yakho into, ndakuyicela ivuthiwe.'

6.1.1 Xela ukuba ngawaphi la madoda azokuzimasa itheko. (1)

6.1.2 Cacisa ukuba kwakutheni ukuze kubekho umbuzo wokuba ikhazi likaQolwana lalichotshelwe ngubani. (2)

6.1.3 Ngqina ngokwesicatshulwa ukuba uQolwana zange azisebenzele zonke iinkomo awalobola ngazo. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


6.1.4 Iveza ntoni ngoQolwana inkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi?

… uQolwana waxela ukuba yonke loo nto wayenza nonina womfazi. (2)

6.1.5 Nika intsingiselo yegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwintetho engezantsi ngokubhekiselele koku kuthethwa kwisicatshulwa.

Enye indoda ikhe yabuza ukuba 'ikhazi' elo lalichotshelwe ngubani. (2)

6.1.6 Xela izinto zibe MBINI ezazixhalabisa uMaVumisa ngoNozukile. (2)

6.1.7 Bonisa ngeengongoma eziNTATHU ukuba uQolwana wayengawahloniphanga amadoda akwaNdlambe. (3)

6.1.8 Nika isizathu sokuba uMaVumisa ambizele intlanganiso yamaNdlambe uNozukile. (2)

6.1.9 Sesiphi isifundo esinokufundwa kwisenzo sikaQolwana sokuzithathela umfazi? (2)

**KUNYE**

**'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' – LL Ngewu**

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Unina wesi sihelegu ubefika qho kweli gumbi lokulindela ukufa alile, phofu engaliliswa yinimba, koko elila ngenxa yobuninzi beenyembezi obubangwa kukunqaba kwabantu bokulilelwa, nakukumangaliseka kokuba kwakutheni abahlaseli bonyana wakhe bangambulali nje kuze kuthi qabu ebantwini unoQolomba efile nje. Unina ebengayithandabuzi nakancinane into yokuba unyana lo wakhe uzidlise ngobakhe. Kwaye wayezame kwakudala ukuyikhwebula le nkewu kunyawo lwayo lwemfene, koko ingafuni nokuva naxa ayicebisayo ukuba ingcibi yamanzi ifa ngamanzi, eyezikhali zizikhali.
Kwathi sekuncamekile, seziphelile iinyanga ezintlanu ingqondo ingabuyi, kwakha kwathi qwenge kulo mfo. Apho ingqondo ibuye khona into yokuqala awayithethayo kukukhwaza athi, 'Yehova wemikhosi!' Uthe ngokubona abongikazi abamjikelezileyo bevathe ezimhlophe wacinga ukuba usezulwini. Emva kokubuyelwa yingqondo ugcinwe esibhedlele inyanga yanye, waza wakhululwa apho efe wonke umzimba wakhe, kushiyeke nje intloko.
Kunamhla akukho nto akwaziyo ukuzenzela yona, yaye umnqweno wakhe kukudibana nezinye izikrelemnqa ezisekwikhondo awayekulo, azilumkise ukuba ulunya lubiz' olunye. Isimanga sesokuba lowo wayesakuyalela abanye ukuba bangashukumisi nolunye uzwane, ezakhe iinzwane ngamaqothololo angasokuze ashukunyiswe nto.

Downloaded from Stanmorephysics.com

6.2.1 Xela ukuba ngubani lo wenzakalisa esi sikrelemnqa kuthethwa ngaso kwesi sicatshulwa. (1)

6.2.2 Sizathu sini esenze ukuba esi sikrelemnqa sisiwe esibhedlele? (2)

6.2.3 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga ezibini ezikwinqanaba lokuyondelelana/lokujiya kwebali:

A Amadoda aseDikeni ashiya imizi yawo ebaleka izikrelenqa.
B Isikrelemnqa sibethwa ngamadoda aseDikeni.
C Isikrelemnqa sibuyelwa ziingqondo.
D Isikrelemnqa sidluliselwa kwisibhedlele saseBhayi. (2)

6.2.4 Nika isizathu sokuba amadoda aseDikeni angazilweli xa engenelwa zizibhovubhovu. (1)

6.2.5 Nika igama elathiywa ezi zikrelemnqa. (1)

6.2.6 Xela izinto zibe MBINI ngokwasebalini, ezazibangela ukuba amadoda aseDikeni adume ngobugwala. (2)

6.2.7 Ngqina ngokwasebalini ezi mpawu zilandelayo zikaMaqhazolo.

(a) Uligorha (1)

(b) Unomqolo (1)

6.2.8 Xela izinto zibe MBINI ezazithathwa zizikrelemnqa xa zifika emizini. (2)

6.2.9 Bubenagalelo lini ubukho bomlinganiswa onguMaqhazolo ebalini? (2)

6.2.10 Cacisa indlela oveliswe ngayo kweli bali umxholwana wokuba umntu ozenzo zibi akasoloko esinda.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Izenzo zesikrelemnqa ezibi. (1)

(b) Indlela esiye sabambeka ngayo asasinda. (1)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'IDyunivesithi iFort Hare' nguS Maputi
- 'UNjingalwazi PT Mtuze' nguZ Mtumane

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye**

Funda lo mhobe kunye nesicatshulwa sombongo esilandelayo esithatyathwe kulo mhobe uthi 'Mfazindini wase-Afrika' ze uphendule imibuzo. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**IDYUNIVESITHI IFORT HARE – S Maputi**

Ntsika yeDike, mvaba yolwazi,
Ubombo lujong' ezantsi.
Awugungqiswa qhwithelo, njengesikhondo.
Kuloo mathafa uvelele iXesi,
Kuwe baty' udaka, baphefumla isiNgesi.
<u>Ntsikandini yeDike.</u>

**Maxa onke ubhonxile;**
Ulibo luyamfimfithekisa, luyafunxa;
Luphambukela kuwe lukhwaza
Umsindo ozayo nentsokolo.
<u>Ntsikandini yeDike.</u>

Imibele yakho iyahluhluza;
Umgqeku uyancela, uyalenca.
Isimbonono sesendlala nokungazi,
Umi, uyafundisa uthibaza impalalo.

Zidle ngobunkokeli kwimfundo;
Khalima impambano, ubhanxo nembudo;
Nwenwisa uluchwe lwakho ekhaya;
Uze uphe iintsatshana ukukhanya.
Wena uyintsika yeDike.

Downloaded from Stanmorephysics.com


Iinkokeli zeAfrika zirhabule kuwe;
Nabaphambuki imbala bafunda lutho;
Injongo ikukufohlela nokuzixhobisa;
Eneneni awaphoxisa wafundisa.
<u>Ntsikandini yeDike.</u>
--------------------
Wena akunantanga;
Amagwangqa ayangcangcazela wakukhankanywa;
Ayakwazi, ngokuzibalula, hayi ngakumenywa;
Akh' azama ukunyemba, akha phantsi.
Abahlonitshwa baphuma apho kaloku,
Oomakhwekhwetha nooNantsi,
Nditsho noDalibhunga igaqa.
Izititsi uyatyhila, ususa nomdintsi.
Fort Hare, kuthethiwe kugqityiwe,
Nemisebenzi yakho ingqiniwe.
Indima yakho iyabonakala,
Exesheni likaqulukubhode.

7.1.1 Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa iFort Hare yintsika yeDike? (1)

7.1.2 Xela udidi lwesafobe esikumqolo wesi-3. (1)

7.1.3 Nika umfanekiso-ntelekelelo oziswa ngumqolo wesi-7 obhalwe ngqindilili uze uxele ukuba uphuhlisa ntoni ngale dyunivesithi. (2)

7.1.4 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kumqolo ongezantsi ngokomxholo wombongo.

**Umgqeku** uyancela, uyalenca. (2)

7.1.5 Kuqaqambisa ntoni ngale dyunivesithi ukusetyenziswa kwempinda kwimiqolo ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

7.1.6 Xela izizathu eziBINI ezibangela ukuba abantu baye kule dyunivesithi ngokwalo mbongo. (2)

7.1.7 Tolika okuthethwa kumqolo ongezantsi ngokomxholo walo mbongo.

Nwenwisa uluchwe lwakho ekhaya. (2)

7.1.8 Chaza okuqulathwe sisitanza sesi-4 ngeDyunivesithi iFort Hare. (2)

7.1.9 Khankanya zibe MBINI iindidi zabantu abafunde kule dyunivesithi ngokwakwisitanza sesi-5. (2)

7.1.10 Nika umyalezo odluliswa yimbongi kulo mbongo. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**UNJINGALWAZI PT MTUZE – Z Mtumane**

Aa! Njinga yolwazi!
Aa! Mathwal' izidanga ngentloko!
Wena Mabelek' izidang' emqolo!
Kuzo zonke utshila ngesiXhosa;
Ukuze bungaphel' ubuXhosa.

Kumaziko emfundo uyaziwa,
Waziwa ngokufunda nokuxelenga.
KwaSesile ukhe wabonwa;
Uphethe isidanga sokuqala,
Uhlanganise noguqulo-ntetho.
E-UNISA bayakwazi.
Apho ubufunda ngekhandlela,
Ukuze nje ube ne*Honours* ne*Masters*.
NaseKapa ukhe wavela,
Ukuze nje bakubize ngobuGqirhalwazi.
Siyakukhahlela ke Gqirha wolwazi,
Ubazi bonke ubugocigoci besiXhosa.

Bayavuy' abazal' abakwaz' ukuzala,
Aba**zi**nqe **zi**hle **zi**phum' iintw' e**zi**ntle,
Ubuhle bazo obuvela kwimisebenzi
Yenzala yabo ncakasana.
Xa nditshoyo ke ndigxeleshe uKusi noNosajini;
Ekwathi kanti bakhulis' iPolofesa bengazi.
UMadib' omde wamathaf' aseMetele,
Apho imfesane yakho wayishiya khona.

Umagxanya nganyawo zombini,
Owagxany' esuk' eMetele,
Waza kunyathel' eQonce,
KwiBhisho lamaTshatshu kaNtind' akuloMfetsho,
Ebalek' umsindo wamaGxagxa,
Awayebang' umhlab' esithi ngowawo,
Singazanga sibone nagada alilayisha kwi*Dromedaris*,
Afika lo mhlaba ukho.
Uhleli abanikazi bawo,
Ama-Afrika oqobo.

Satsho sabhaqa ke thina bakwaRharhabe,
Ukuze nj' iQonce libe namadoda.
Anditsh' ukuba belingenaw' amanye,
Kodwa belingenaw' afana nawe,
<u>Akwaz' ukusebenzis' ingcinezelo</u>
<u>Njengamanqwanqw' okuy' enkcochoyini,`</u>
<u>Aph' ifumaneka khon' impumelelo</u>.
Ubuya kub' ufuze kulonyoko kakade,

Downloaded from Stanmorephysics.com


Kuthi maXhos' akulung' indod' isakufuza kulonina.
Kalok' akukho sifede kowenu,
Uzalwa ngamadod' afukuzayo,
Akwaz' ukujik' ilishwa libe lithamsanqa,
Ndithetha ngooDlomo ke xa nditshoyo.
Uzibethil' iintonga kwedini kaNcube.
Xa ndisithi kwedin' andenziwa kukudelela,
Xa ndingenjenjalo ndingadliwa,
Ndiyikhuph' inkabi yegush' emazinyw' asibhozo.
Ndenziwa kukuncoma kwamaXhosa,
Oz' abe ngath' ayadelela kant' ayancoma

7.2.1 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Kumqolo woku-1 nowesi-2 imbongi ivula (ngesibuliso/ngesikhahlelo). (1)

7.2.2 Chonga umqolo kwisitanza sesi-2 othetha ukuba uNjingalwazi PT Mtuze ebengumphangeli kwezinye zeedyunivesithi afumene kuzo imfundo. (1)

7.2.3 Khankanya iDyunivesithi athweswe kuyo isidanga sokuba nguGqirhalwazi uNjingalwazi PT Mtuze. (1)

7.2.4 Nika uhlobo lophinda-phindo olukwimiqolo engezantsi uze uxele ukuba luphuhlisa ntoni ngoNjingalwazi PT Mtuze.

Kumaziko emfundo uyaziwa,
Waziwa ngokufunda nokuxelenga. (2)

7.2.5 Xela isixhobo sesandi esikumqolo ongezantsi ngokwasembongweni.

Aba**zi**nqe **zi**phum' iintw' e**zi**ntle. (1)

7.2.6 Nika injongo yokusetyenziswa kophawu loshiyelelo (') olufumaneka kumqolo ongezantsi walo mbongo.

UMadib' omde wamathaf' aseMetele. (2)

7.2.7 Lityhila ntoni ngoNjingalwazi PT Mtuze igama elibhalwe ngqindilili kule miqolo ilandelayo?

**Umagxanya** nganyawo zombini,
**Owagxany'** esuk' eMetele (2)

7.2.8 Lizisa ntsingiselo ni igama 'sabhaqa' elikumqolo ongezantsi?

Satsho sabhaqa ke thina bakwaRharhabe. (2)

7.2.9 Chonga amagama amabini achaseneyo kumqolo wama-47. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**2023**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 70**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-17.**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: INOVELI**

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

**ISICATSHULWA A**

1.1 1.1.1 NguNozi.√ (1)

1.1.2 Imoto awayekhwele kuyo yaphosa indlela yaya kuwela ematyeni yagqabhuka itanki lamafutha yatsha, watshela phakathi wasweleka.√√ (2)

1.1.3 Kunjalo, kuba uthi ngumgqutsubana womntwana xa athetha ngaye kooMamiya.√√ (2)

1.1.4 Ukuba bangabahlobo abathembakeleyo kuNozililo√√/ ukuba bathembakele kuNozililo√√/ bayamseka/bayamxhasa bakuloo nto akuyo.√√ (2)

1.1.5 Yeyokuba nokuba uthi mabambulale uMpumelelo bakukwenza oko nanini na.√√ (2)

1.1.6 Zizifundo zeMathematika√ neSayensi√/ *yiMathematics*√ *nePhysical Sciences.*√ (2)

1.1.7 Waxabanisa uNomakhwezi nendoda yakhe esithi ithandana noMebhelina√/ wathenga ootsotsi ukuba baye kutshisa ivenkile yakwaNtsibande√/ wathenga imigewu ukuba ibulale uMpumelelo.√ (3)

1.1.8 Wayekhweleta kuba ebeve ngoNozililo ukuba wayebone uLungile ekunye noMebhelina besitya ehotele.√√ (2)

1.1.9 Sesokuba kubalulekile ukubafundisa beselula abantwana ngezakhono zokulawula amashishini√√/ sesokuba kubalulekile ukunika abantwana inxaxheba bavakalise izimvo zabo kwimicimbi yezoshishino√√/ sesokuba bafunde beselula ngoxanduva nezakhono zezoshishino.√√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 NguThamsanqa√/ nguYolisa.√ (1)

1.2.2 Sesokuba wayefudukele eLusuthu kungasekho mkhondo wakhe eThekwini.√√ (2)

1.2.3 B√/B UNtongana uya kufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa√/ uNtongana uya kufuna iincwadi zevenkile kuThamsanqa.√ (1)

D√/D uMpumelelo wenzelwa itheko lokumamkela eLusisiki√/ uMpumelelo wenzelwa itheko lokumamkela eLusisiki.√ (1)

1.2.4 Wayeye kongeza imfundo yakhe phesheya.√ (1)

1.2.5 NguThembisa Sanqela.√ (1)

1.2.6 Wathi aze angayiyeki imfundo naphantsi kwayiphi na imeko de afikelele kwinqanaba amnqwenelela ukuba afikelele kulo.√
Wathi aze athi nokuba ugqibile ukufunda agcine ilifa likayise, ivenkile yakwaNtsibande√/ aze afunde abe ngumntu elizweni ukuze angathi xa engasekho uLungile asale engumpha ochutywe walahlwa√/ wathi angaze amlahle unina√/ wathi angaze amlahle uYolisa.√ (2)

1.2.7 (a) Kunjalo, kuba uMpumelelo uyathobela enze ngokwemiyalelo ayinikwa nguyisemncinci uThamsanqa.√ (1)

(b) Kunjalo, kuba wafuna ukulwa noZet owayemkhuphele imela emdanisweni√/ kuba akakhange oyikiswe ngamayelenqe ooNozililo de wathi usathana akabalekwa uyaliwa.√ (1)

1.2.8 Axelela uThamsanqa ukuba aqhube nevenkile njengoko wayeyalele uLungile kwiwili.√
Ayalela ukuba aze afundise uMpumelelo.√ (2)

1.2.9 Elokuba athi akuswelekelwa ngabazali bakhe uMpumelelo adlale indima yokuba ngumama kuye.√√ (2)

1.2.10 (a) Wakha isibhedlele neekliniki√/ wakhuthaza ukusekwa kwekwayala yabantu abadala√/ waseka umbutho wamanqindi, ijudo nekarati.√ (1)

(b) Abantu baseLusikisiki batsho baphila kwizigulo ezahlukileyo ngenxa yonyango olukufutshane, bahlala besempilweni√/ abantu baseLusikisiki batsho bazibona benenxaxheba ekuhlaleni bafunda izakhono zokuzikhusela nokuzilolonga.√ (1)

**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 NguDick.√ (1)

2.1.2 Wathi uEddie ngumtshana wakhe√√/ wathi uEddie ngumntwana kadade wabo√√/ wathi ungumakazi kaEddie.√√ (2)

2.1.3 Kunjalo, kuba ubuso bakhe babumpatshampatsha oku komntu oxhwalekileyo√√/ wayethe wambu ityali egqolileyo.√√ (2)

2.1.4 Ukuba ungumntu onembeko√√/ ungumntu onentlonelo nentlonipho.√√ (2)

2.1.5 Yeyokuba le nkosikazi yayisele ikhulile.√√ (2)

2.1.6 Bubunewunewu bempahla eyenziwe ngamatye egolide nedayImani.√
Ngamaso egolide.√
Ngamacici egolide.√
Zizacholo zegolide.√
Ngumsesane womtshato wedayimani.√
Ngumatshini wokushicilela (*Tape Recorder*).√

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

2.1.7 Bubukhali bengqondo.√
Kukuthanda inyaniso.√
Kukuthiya intw' embi.√
Bubugorha.√

[Nasiphi isithathu kwezi] (3)

2.1.8 Sesokufumanisa ukuba umpu kaLinda ubukhe walahleka kwaye ngomhla wokudutyulwa kukaEddie wawusalahlekile√√/ sesokufumana ubungqina bokuba kukho omnye umntu owathenga idyasi efana nekaLinda√√/ sesokufumanisa ukuba uNkosikazi Hobe wasweleka√√/ kukufumanisa ukuba ngomhla wokufumana kwakhe umpu kaLinda kwakufike amalungu ase*Moonglow* abuka imoto kaLinda nangaphakathi, yabe ibhegi yakhe yayilapho emotweni.√√ (2)

2.1.9 Sesokuba izinto ezishicilelweyo zilulwazi oluselugcinweni ezingakunceda kwixesha elizayo.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Ngabasemagunyeni√/ ngurhulumente.√ (1)

2.2.2 Sesokuba kubekho indawo abaza kuzonwabisa kuyo abantu, baphumle√√/ kwakusenzelwa ukuba abantu bafumane indawo yokubahlaziya iingqondo.√√

[Nayiphi enye kwezi.] (2)

2.2.3 B√/B uHlobo undwendwele kwaLinda Monti eyokuphanda ngokufa kukaEddie noLulama√/ uHlobo undwendwele kwaLinda Monti eyokuphanda ngokufa kukaEddie noLulama.√ (1)

D√/D uThembisa Ntlokonkulu uya emapoliseni ezenza umakazi kaEddie√/uThembisa Ntlokonkulu uya emapoliseni ezenza umakazi kaEddie.√ (1)

2.2.4 Kungokuba babebanjelwa ukuthenga nokusela utywala bengenalungelo lokwenza njalo.√ (1)

2.2.5 NguLinda Monti.√ (1)

2.2.6 Kukuthandana noLulama Zuma abe ethandana noLinda Monti.√ Ipolisa ebelibone ubunewunewu bempahla obufana nezacholo namacici egolide lakholelwa ukuba ebengudlalani uEddie.√ (2)

2.2.7 (a) Kunjalo, kuba walwa noHlobo akufika uLinda esophisa ekhala√/ yaba nguye yedwa owayeze kuxhasa uLinda enkundleni yamatyala mhla kwakuza kuxoxwa ityala likaLinda√/ waya kwazisa igqwetha likaLinda ngokubanjwa kwakhe√/ waya kuHlobo ngenjongo yokuqonda ukuba ubanjelwe ntoni uLinda.√ (1)

(b) Kunjalo, kuba wanika uHlobo ubungqina bokuba umpu kaLinda wawukhe walahleka kwaye ngale mini ufunyanwa nguHlobo kwakufike amalungu ase*Moonglow,* wayimela loo nto nangona sele egrogriswa ngokubanjwa nguHlobo.√ (1)

2.2.8 Kukungazikholelwa iintetha zabantu ezithi uEddie ngudlalani.√ Kukuhlalela isithembiso somtshato kaEddie esingade sifezekiswe.√ (2)

2.2.9 Elokuqhubekisela phambili ibali ngokuthi aphande oyena mbulali kaEddie Maga noLulama Zuma.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.2.10 (a) Sesokusebenzisa umpu kaLinda ukubulala uEddie√/ sesokusebenzisa ii*Roadmasters tyres* ezazisetyenziswa nguLinda√/ sesokusebenzisa ibhatyi efana ne*Mink,* eyayinguLinda yedwa umntu owayenayo√/ sesokuba uThembisa Ntlokonkulu azenze umakazi kaEddie ngelifuna ukukhomba umkhondo kuLinda√/ uMdoda nongomnye wamalungu ase*Moonglow* wanika ubungqina obungenanyani kuHlobo bokuba uLinda wayesazi ukuba uEddie uthandana noLulama kwaye imtya loo nto. (1)

(b) Kukufumaneka koshicilelo olwenziwa nguEddie *kwiTape Recorder* luveza izigrogriso zamalungu ase*Moonglow* malunga nokungavisisani kwawo noEddie ngokuthengiswa kwentsangu.√ (1)

**[35]**

**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

**ISICATSHULWA E**

3.1 3.1.1 NguMfingokazi√/ nguNogqwashu√/ sisiporho sasevenkileni.√

[Nayiphi enye kwezi.] (1)

3.1.2 Washiywa ngumama wakhe owasweleka embeleka√√/ wathathwa nguThandabantu ukusweleka kukaMaRhadebe owayengumsebenzi kaThandabantu.√√ (2)

3.1.3 Wayemnyanzela abahloniphe abantwana bakhe nangona engabakhuthazi ukuba bahloniphane bona√√/ wayehamba nabo abantwana bakhe xa eza kubathengela into kanti uMonwabisi yena wayemthengela ngokwakhe engazikhetheli.√√ (2)

3.1.4 Ukuba ungumntu ongenamkhethe ebantwaneni√√/ ongabacaluliyo abantwana.√√ (2)

3.1.5 Yeyokuba uMamTolo wayethetha ngokungathi ubhekisa kubantwana bonke abe ethetha ngoMonwabisi.√√ (2)

3.1.6 UHlubikazi ufunde eSt John's College yena uNobuntu wafunda eMthatha Technical College.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.1.7 Wayengabakhuthazi ukuba bahloniphane.√
Wayengabafundisi ukwenza imisebenzi yekhaya.√
Wayezifihla kuThandabantu izinto ezingalunganga ababezenza.√
Wayebatefisa ngokubanika imali engalandeleli ukuba bayisebenzisa entwenini na.√
Wayengabohlwayi sele bonile.√
Wayebayeka bamphathe njengesicaka uMonwabisi.√
Wayengafuni ukuba baqhelane nezihlobo kuba esithi ziphantsi. √
Wayengafuni basondele kubantu abasebenza kwakhe kuba esithi bazizicaka.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

3.1.8 Sesokuswelekelwa nguGcinumzi√√/ sesokutyholwa ngabantu ngokuba unyana wakhe uGcinumzi ubulewe nguye ngenyoka athwele ngayo.√√ (2)

3.1.9 Sesokuba xa uza kuqala ishishini kubalulekile ukufuna ulwazi namava ngalo√√/ sesokuwasebenzisa amathuba avelayo anokukuhlumisa ebomini.√√ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

3.2.1 NguThixo.√ (1)

3.2.2 Sesokuba wayekhathazwe kukufika kwamagosa kaRhulumente ezokuthimba izakhiwo zamashishini yakhe√√/ sesokungabinasisombululo sokulungisa ingxaki yemeko yezakhiwo zakhe ezazisele zithinjwa ngenxa yokunganikwa thuba laneleyo lokwenza oko.√√ (2)

3.2.3 B√/B uGcinumzi ubhubha kwingozi yebhasi√/ uGcinumzi ubhubha kwingozi yebhasi.√ (1)

D√/D uMonwabisi ushiywa yedwa eNtshiqo√/ uMonwabisi ushiywa yedwa eNtshiqo.√ (1)

3.2.4 Wayetyholwe ngokuba unyana wakhe ubulewe yinyoka yakhe √/ emva kokushiywa ngunyana wakhe, umoya wakhe zange uxole kuba wayeziva ngathi ushiyiwe nguThixo.√ (1)

3.2.5 NguMaRhadebe.√ (1)

3.2.6 Kukusoloko echebe inkqayi.√
Kukuxhela qho.√
Kukuba ngusomashishini onobutyebi obungathethekiyo, engumntu omnyama.√

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.2.7 (a) Kunjalo, kuba ukwazile ukuvuselela amashishini kaThandabantu engazange enze zifundo zoshishino√/ weza necebo lokuba izakhiwo zakhiwe ngokutsha kuqeshiswe ngazo√/ kuba ubenengcinga yokusebenzisa itrektari alimele abantu amasimi ukuze afumane imali√/ ukwazile ukuthatha isigqibo sokuqeshisa ngeshishini lakhe eliseNtshiqo emlungwini kuba belingasangenisi mali.√ (1)

(b) Kunjalo, kuba wathi akunikezelwa ulawulo lwamashishini kaThandabantu wenza kanye ngohlobo awayethembise ngalo phambi kokuba awanikwe.√ (1)

3.2.8 Wabulela ukunikwa ubomi obutsha nguThixo.√
Wabulela ngokubuyiselwa abantwana bakhe engakabhubhi.√
Wabulela uMonwabisi ngokuhlangula izakhiwo zamashishsini akhe.√
Wabulela uSomandla ngabazukulwana abahle.√
Wabulela kuThixo ngokuphinda amamkele noxa ebephambukile.√

[Nasiphi isibini kwezi]. (2)

3.2.9 Elokuzisa uMonwabisi obangele ukuba ibali liqhubekele phambili√√/ elokwandisa usapho lukaThandabantu ngoMonwabisi oye wangunyana wakhe.√√ (2)

3.2.10 (a) Sesokuthatha uMonwabisi amkhulise njengomnye wabantwana bakhe.√ (1)

(b) Sesokubumba usapho lukaThandabantu ngokubuyisa iintombi zakhe ezazingasagoduki.√ (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO B: IDRAMA**

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

**ISICATSHULWA G**

4.1 4.1.1 NguDiksie.√ (1)

4.1.2 UNdila wayethandana noFuneka.√√ (2)

4.1.3 Kunjalo, kuba uFuneka uxelela uNdila ukuba, ukuba ufuna imali utsho ebhatyini.√√ (2)

4.1.4 Ukuba ungumntu oyithanda kakhulu imali.√√ (2)

4.1.5 Yeyokuba uNdila kukhona ayiva kakuhle le nto ithethwa nguFuneka.√√ (2)

4.1.6 NguMadala√/ nguJekwa√/ nguMavuso√/ nguNtaba√/ nguLamla.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.1.7 Wakhanyela ukuba itasi eyayifunyenwe kumfundi yayinotywala bakhe.√
Wakhanyela ukuba usela utywala ngexesha lesikolo.√
Wanyoba uMadala ukuba amthethelele ngexa kwakuza kubakho intlanganiso yekomiti yesikolo.√ (3)

4.1.8 Sesokuba uMawonga wabhaqwa ngabahloli enxilile esikolweni.√√ (2)

4.1.9 Sesokuba akulunganga ukungakwazi ukuzeyisa ebomini.√√ (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 NguNdila, nguFuneka, noZanele.√ (1)

4.2.2 Sesokuba wayesazi ukuba abukho ubudlelwane phakathi kwakhe noNdila ngoko ke makamdedele.√√ (2)

4.2.3 B√/B UMawonga uqala ukuthandana noZanele ethekweni likaFuneka√/ uMawonga uqala ukuthandana noZanele ethekweni likaFuneka.√ (1)

D√/D UMawonga ubizelwa intlanganiso nguRay noNomasoka bemthethisa ngokuphatha kakubi usapho lwakhe√/ uMawonga ubizelwa intlanganiso nguRay noNomasoka bemthethisa ngokuphatha kakubi usapho lwakhe.√ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

4.2.4 Sesokuba yayingekokokuqala bexoxa umcimbi wokunxila kukaNdila esikolweni.√ (1)

4.2.5 NguThandiwe.√ (1)

4.2.6 Wayengasayi esikolweni.√
Waxelela ikomiti yesikolo ukuba ingazihluphi ngokumgxotha kuba wayesele eyibhalile incwadi yokurhoxa kwaye iseposini.√ (2)

4.2.7 (a) Kunjalo, kuba waxelela uFuneka ukuba akafuni ukuba uMawonga abe linxila√/ kuba wayenosizi xa wayesithi uFuneka makangamvuleli uMawonga.√ (1)

(b) Kunjalo, kuba wavumela ukusetyenziswa nguFuneka ukusenga imali kuMawonga√/ wayengazimisele kuthandana nendoda etshatileyo kodwa uFuneka wamxelela ukuba kokona kulungileyo oko naye watsho wathandana noMawonga.√ (1)

4.2.8 Uyeke umsebenzi njengenqununu yaseNobutho.√
Akalali emzini wakhe ulala kwaZanele athandana naye.√
Ufika emzini wakhe enxilile.√
Akamniki mali uThandiwe.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.2.9 Elokusetyenziselwa ukuqhubela phambili impixano ephakathi kukaMawonga noNdila ngokukhuthaza isimo esibi sikaNdila ngokumthethelela.√√ (2)

4.2.10 (a) Kukuthanda iintombi.√ (1)
(b) UFuneka wenze ukuba alotywe nguZanele athandane naye ze kuzokubalula ukumsondeza kubo noNdila, ukuze uNdila aziphindezele.√ (1)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokothi**

**ISICATSHULWA I**

5.1 5.1.1 NguMlungu√/ nguNyoka√/ nguSkhulu√/ nguMolotov√ (1)

5.1.2 Walotywa nguNoyongo ngeselula/ngonomyayi, ekwamthembisa ngomsebenzi kwihotele kaNyoka.√√ (2)

5.1.3 Kunjalo, kuba ubuza kuNoyongo ukuba ngumsebenzi mni lo wayeze kuwenza.√√ (2)

5.1.4 Ukuba akananyani√√/ akafuni ukuwuxela owona msebenzi aza kuwenza uDina.√√ (2)

5.1.5 Eyokuba uDina wayothukile kakhulu√√ / wayemangalisekile kakhulu√√/ wayengayikholelwa le nto ayivayo.√√ (2)

5.1.6 Bubuxelegu.√
Kukuhamba abuye ebusuku.√
Kukungancokoli nabantwana bakowabo.√
Kukusoloko eqolozele ifowuni yakhe.√
Kukunyamalala abuye enobubele obungaqhelekanga.√
Wayesoloko ezivalele egumbini lakhe.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.1.7 Warhwebeshela uDina kwihotele kaThambolenyoka.√
Zazigalelwa nguye iziyobisi zokunxilisa uDina.√
Ikwanguye ongazange amxelele inyani ngalo msebenzi amfaka kuwo.√ (3)

5.1.8 Sesokuba wayefuna baleqe ze babulale intombazana eyayimana ifika kwihotele yakhe inxibe ngendlela yokuzifihla aqaphele ukuba nguDina.√√ (2)

5.1.9 Sesokuba umntwana akalahlwa ngabazali nokuba wone kangakanani na√√/ sesokuba uxolo lubalulekile xa umntu athe wazibona iimpazamo zakhe.√√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 NguThambolenyoka√/ nguMolotov.√ (1)

5.2.2 Sesokuba kwakusithiwa uNozici ahlala naye ufunyenwe egetyengiwe.√√ (2)

5.2.3 B√/ B uDina uyokumangalela uThambolenyoka emapoliseni√/ uDina uyokumangalela uThambolenyoka emapoliseni.√ (1)

D√ D uGxalaba uya kuNoyongo ngelithi makabe lingqina lenkundla√/ uGxalaba uya kuNoyongo ngelithi makabe lingqina lenkundla.√ (1)

5.2.4 Sesokuba wagxothwa nguThambolenyoka.√ (1)

5.2.5 YayinguMaTshezi.√ (1)

5.2.6 Wayenamagqwetha abukhali awayemkhupha xa ebanjiwe.√
Ummangali wayenyamalala afunyanwe ebulewe.√
Kwakungekho mntu ufuna ukuba lingqina etyaleni lakhe kuba abantu besoyika ukuza ngaphambili.√
Amagqwetha kaThambolenyoka ayeye afune ukumtshutshisa lowo ubambisa uThambolenyoka ngelithi ungcolisa igama lakhe.

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.2.7 (a) Uze necebo lokubambisa uThambolenyoka amapolisa encamile ukuba angakwazi ukumbamba√/ ebegqwesa esikolweni de waphiwa ilaptop.√ (1)
(b) Wafunga ukuba uza kubuchitha ubukumkani bukaThambolenyoka, wayimela loo nto, yaphumelela, wagwetywa uThambolenyoka.√ (1)

5.2.8 Kukungabaphulaphuli abazali bakhe suke enze unothanda.√
Kukungabi ngumzekelo kubantakwabo.√
Kukuthoba isidima sekhaya lakhe.√

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

5.2.9 Uqhubekisele phambili umsebenzi wokuxhatshazwa kwamantombazana nguThambolenyoka.√√ (2)

5.2.10 (a) Kukutyisa abantwana abangamantombazana iziyobisi√/ kukubaxhaphaza ngesondo√/ kukubathengisisa imizimba.√ (1)

(b) UDina wammangalela, ze weza necebo lokuba abasebenzi bakhe bamjikele babengamangqina enkundla.√ (1)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 6: 'NDAKUYICELA IVUTHIWE' – EZ Guqa

6.1 6.1.1 Ngamadoda akwaNdlambe.√ (1)

6.1.2 Kungokuba uQolwana akazange awabandakanye amaNdlambe kumcimbi wekhazi njengoko kulindelekile.√√ (2)

6.1.3 Kunjalo, kwathengiswa ezinye iinkomo zekhazi likaNokwanda ukuze kube kulotyolelwa uQolwana.√√ (2)

6.1.4 Ukuba akawakhathalelanga amasiko akowabo.√√ (2)

6.1.5 Yeyeenkomo okanye imali eyahlawulwa nguQolwana mhla wayeyo-kulobola umfazi.√√ (2)

6.1.6 Kukuba uNozukile wayilahla kude impahla yobufazi wanxiba eyesikolo.√
Kukulahleka kukaNozukile angaziwa ukuba uyephi.√ (2)

6.1.7 Wazilobolela umfazi ngaphandle kwamadoda akwaNdlambe.√
Wawaxelela amadoda akwaNdlambe ukuba angazixakekisi kuba awancedisanga kwikhazi alikhuphileyo.√
Wawaxelela amaNdlambe ukuba xa efuna umfazi wawo mawazilobolele.√
Wawaxelela amaNdlambe ukuba wona akanamfazi kumasango akwaMchitheki.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

6.1.8 Sesokuba uNozukile wazilahlela kude iimpahla zobufazi wangena kwimpahla zesikolo.√√ (2)

6.1.9 Sesokuba ukuhlonipha abantu bakokwenu kokona kulungileyo kuba banamava nolwazi oluninzi√√/ sesokuba ukuba nguZwilakhe kuneziphumo ezibi ezinokwenza abo bakufutshane kuwe bave kabuhlungu ngenxa yezigqibo ozithathileyo√√/ sesokuba kubalulekile ukuxabisa amasiko nezithethe zakokwenu.√√ (2)

**KUNYE**

6.2 **ISICATSHULWA L: ''IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' – LL Ngewu**

6.2.1 NguMaqhazolo.√ (1)

6.2.2 Kungokuba sadutyulwa.√√ (2)

6.2.3 B√/ B isikrelemnqa sibethwa ngamadoda aseDikeni√/ isikrelemnqa sibethwa ngamadoda aseDikeni.√ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

D√/ D isikrelemnqa sidluliselwa kwisibhedlele saseBhayi√/ isikrelemnqa sidluliselwa kwisibhedlele saseBhayi.√ (1)

6.2.4 Sesokuba ayezigwagwisa esithi wona aneziqinisekiso zemfundo kwaye into yokulwa ngumcimbi wamaqaba.√ (1)

6.2.5 Zizibhovubhovu zaseBhayi.√ (1)

6.2.6 Ayesithi azinamsebenzi izinto ezithathwe ngolunya kuba zinokuphinda zithengwe.√
Ayexolele ukuyishiya idolophu yaseDikeni aye kwezinye.√
Ayefika emizini yawo akhulule izihlangu neekawusi kuba efuna ukuba izikrelemnqa zikhawuleze zizibone iinzwane ukuba azishukumi.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

6.2.7 (a) Sesokuzincama angabaleki ukuze azilwele ngokusidubula eqatheni esinye sezikrelemnqa watsho wawasindisa onke amadoda aseDikeni.√. (1)

(b) Wathatha isigqibo sokuba nokuba uyedwa uza kuma alwe nezikrelemnqa buphele ubugewu.√ (1)

6.2.8 Yimali.√
Ngoomabonakude.√
Yifenitshala.√
Ngoonomathotholo.√

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

6.2.9 Elokukhulula abantu baseDikeni kwingxaki yokuthathelwa ngolunya impahla yezindlu zabo zizikrelemnqa ezazigqugqisile ngokuthi asidubule eqatheni esinye sazo.√√ (2)

6.2.10 (a) Kukungena emizini sithathe impahla yezindlu.√ (1)

(b) UMaqhazolo wasidubula eqatheni isikrelemnqa asakwazi ukuzisindisa.√ (1)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO D: ISIHOBE**

**UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S.Maputi nabanye**

7.1 **"IDYUNIVESITHI IFORT HARE- S. Maputi**

7.1.1 Ukuba ukuze lime iDike lixhomekeke kwiFort Hare√/ ingumniki nkxaso kwiDike.√ (1)

7.1.2 Sisifaniso.√ (1)

7.1.3 Owento egcwele ngokugqithisileyo ide ibe ngathi iza kugqabhuka.√ Uphuhlisa ukuba iFort Hare inolwazi oluninzi kakhulu.√ (2)

7.1.4 Yeyolutsha olufunda kule Dyunivesithi.√√ (2)

7.1.5 Ukungagungqi kwayo kumsebenzi wayo nokuxhomekeka kwabantu baseDikeni kuyo.√√ (2)

7.1.6 Sesokufuna ulwazi.√
Sesokufumana imisebenzi.√
Sesokubaleka indlala.√
Sesokubaleka ukungazi.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

7.1.7 Ifuthe lemfundiso yakho malivakale kubantu baseDikeni.√√ (2)

7.1.8 Kukuba le Dyunivesithi mayibe nelunda ngobunkokeli bayo ngemfundo ephelisa ukungazi izise ulwazi kubantu baseDikeni.√√ (2)

7.1.9 Iinkokeli zeAfrika√ kunye nabaphambuki.√ (2)

7.1.10 Ngowokuphakamisa igalelo lale Dyunivesithi njengeziko lokuxonkxa iinkokeli zelizwe noluntu√√/ lifuthe lale Dyunivesithi negalelo layo kwintlalo yaseDikeni.√√ (2)

**KUNYE**

7.2 **UNJINGALWAZI P.T. MTUZE – Z. MTUMANE**

7.2.1 Ngesikhahlelo.√ (1)

7.2.2 Waziwa ngokufunda nokuxelenga.√ (1)

7.2.3 YiDyunivesithi yaseKapa.√ (1)

7.2.4 Luphindaphindo oluxwesileyo√ luphuhlisa ukuba uNjingalwazi P.T. Mtuze udumile ngemfundo yakhe nangemisebenzi yakhe.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | | |
|---|---|---|
| 7.2.5 | Yimfano-zandi.√ | (1) |
| 7.2.6 | Kukudala isingqisho√√/ kukudala undindwano.√√ | (2) |
| 7.2.7 | Ukuba lo kaMtuze wemka eMetele ngokungathi uyabaleka okanye ngokungxama ngenxa yeemeko zezopolitiko.√√ | (2) |
| 7.2.8 | Eyokuba isizwe sakwaRharhabe sathi safumana, sazuza lukhulu kwakufika usapho lwakaMtuze olwafudukela kumhlaba walo.√√ | (2) |
| 7.2.9 | Ilishwa.√<br>Ithamsanqa.√ | (2) |
| 7.2.10 | Umqolo wama-49 wakheke ngamagama amane kanti owama-50 wakheke ngamagama amahlanu.√√ | (2) |
| 7.2.11 | Kukusebenzisa igama, ‘kwedini' xa ibhekisa kuNjingalwazi P.T. Mtuze.√ | (1) |

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**